basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

ensuring quality learning and teaching for all

IPHULO ELIJONGENE NOMGANGATHO KUNYE NEXABISO LOKUFUNDA NOKUFUNDISA (NOKUTITSHA)

Ngomhla wesi-3 kuJuni kwabanjwa umsitho wokothulwa kwentetho yesizwe epalamente eKapa. Kwintetho yakhe uMongameli weSizwe sasemZantsi Afrika, umNumzana JG Zuma wenjenje '*Umba wemfundo ngoyena ndoqo kule minyaka mihlanu izayo. Sifuna okokuba iititshala zethu, naabafundi ngokunjalo, kwakunye nabazali babambisane norhulumente kuguqulwe izikolo zethu zibeliziko okanye sisiseko sempumelelo egqibeleleyo...'*

Watsho esoleka umsundulu ngelithi '*Siman'ukugxila ngakumbi kwimiba engundoqo neyaziwa nanguthathatha. Iititshala mazibe kumagumbi okufundisa, mazifike kwangethuba emsebenzini, zititshe ngenkathalo zingawonqeni umsebenzi wazo kunjalo nje zingabaxhaphazi abantwana! Bona abantwana mababekumagumbi abo okufundela, ngexesha elifanelekileyo, bafunde, mababahloniphe ootitshala babo, baze bahloniphane noogxa babo, xa abafundi benikwe umsebenzi wesikolo ziititshala zabo ukuba bawenze ekhaya, mabawenze…'*

NgolwesiHlanu, umhla we-11 ku-Agasti ka-2008, uRhulumente wabeka ngokusesikweni iphulo elijongene nezeMpilo kunye nezeMfundo eWalter Sisulu *Square* eKliptown. Intsusa yeli phulo kukuphawula okokuba impilo kunye nemfundo zingundoqo kwiinkqubo zikaRhulumente ezijongene nokuphucula kwanokutshintsha intlalo yabemi beli kule minyaka mihlanu izayo.

Eyonanto ibekwa phambili kwicala lemfundo, yeyokokuba ngeli phulo kuhlatywa ikhwelo kubo bonke abantu kunye nemibutho ukuze kuqhulunqwe amanyathelo anokuthi athatyathwe xa kuphuculwa umgangatho wemfundo. Eli phulo liqulethe imibandela yemfundo ebalulekileyo eyi le:

- ukwazisa nokuxhobisa abemi beli ngokubaluleka kwemfundo nendima abamelwe kukuyidlala, bazi okokuba banomsebenzi obameleyo noluxanduva lwabo ukuba bawenze ukuze kuphuhle imfundo kweli lizwe;
- ukuhlaba ikhwelo kubahlali ngokwenza iindibano ezinje ngeengqungquthela ii*rali (rally)* kwanokuthetha namaqumrhu-ngamaqumrhu ingakumbi awasekuhlaleni ngeenjongo zokuba liliso ezikolweni ibe ke yindlela eli phulo elixhasa ngayo izikolo, ootitshala kunye nabafundi;
- ukuphucula umgangatho wemfundo yabo bonke abantwana, ingakumbi aba bangathathi ntweni ngenxa yobuhlwempu. Eli phulo liphakamisa okokuba uphawu lokuphucuka komgangatho wemfundo kweli luyakuba yinkqubela nempumelelo engcono kwimfundo.

Ukubeka imfundo kumgangatho ofanelekileyo kuxhomekeke kumanyathelo athatyathwa ngamalungu epalamente, kukwaxhomekeke nakwinkonzo yesebe lezemfundo ejongene namabanga asezantsi nalawo asisiseko semfundo (ukusukela kwibanga le-12 ukuya ezantsi), amalungu ephondo akwisigqeba sebhunga, amagosa karhulumente, iinqununu zesikolo, ootitshala, abafundi, abazali, abalawuli bezikolo kunye nabahlali.

Umntu ngamnye kwaba unendima amakayidlale kwaye uyabongozwa ukuba azibophelele kule 'Nkqubo yokuyila imfundo esemgangathweni', nekuyinkqubo echaza ngokubanzi malunga nento emayenziwe kwanendlela ekufanelwe ukuba kwenziwe ngayo. Ukuba onke amacandelo kweli lizwe angasebenzisana – urhulumente, abahlali, abasebenzi abajongene nezempilo, abasebenzi bakarhulumente abajongene naye wonke ummi weli, amashishini, abezemijelo yeendaba, kunye namanye amacandelo – sisonke singakwazi ukuqinisekisa okokuba abafundi bayaxhamla kwimfundo esemgangathweni. Imibutho eququzelela eli phulo sele ibekiwe kula manqanaba alandelayo: kuzwelonke, kumaphondo, kwiingingqi, koomasipala, nakwizikolo, kwaye kungoku nje urhulumente uhlaba ikhwelo kubo bonke abantu basemZantsi Afrika ukuze bangene nabo kweli phulo eliyinxalenye yeenzame ezithe zenziwa ukuphuhlisa indlela engcono emakuhlalwe nemakuphilwe ngayo ngabo bonke abemi beli.

Isicatshulwa kumaphepha (pages) aseKliptown

UPHAWU LWEMFUNDO ESEMGANGATHWENI

Amandla okuphucula imfundo alele okanye abuthume kuthi sonke. Simema onke amagosa karhulumente, ootitshala, abafundi, abazali, nabahlali ukuba bazibophelele kule **'Nkqubo yokuphucula umgangatho wemfundo'**

NjeNGEGOSA LESEBE, ndithembisa ngoku:

- qinisekisa okokuba zonke izikolo zifumana izixhobo ezibalulekileyo kwimfundo kwangethuba ukuze ukufundisa nokufunda kuqaliswe;
- qinisekisa okokuba zonke izikolo zinabo bonke ootitshala abafunekayo nabafanelekileyo kunjalo nje babekwe ngokwezifundo ezifuna abo titshala, kwakhona ndiza kuqinisekisa okokuba apho kukho izithuba zootitshala, ezo zithuba ziyakuvalwa ngaphandle kokuchithwa kwexesha;
- phucula ulwazi kunye nobuchule endinabo ukuze ndikwazi ukufundisa ngokupheleleyo ngokuthi iimfundiso zam zibe lulutho kubafundi;
- soloko ndikho ukunceda izikolo, iinqununu, kunye nootitshala;
- phendula izicelo okanye imiba yamalungu emfundo;
- soloko ndindwendwela zonke izikolo eziphantsi kwesithili;
- ndijonge okokuba siyahamnjwa na isikolo ngootitshala nangabantwana besikolo, kunjalo nje ndiqinisekise okokuba akukho mntwana ungayiyo esikolweni;
- ncedisa zonke izikolo ukuze kuphakame izinga lokupasa kuzo, ngokuthi ndiqinisekise okoba uvavanyo lwabafundi lwenzeka qho, kwaye iziphumo zixelwa qho kubazali.

NjeNGOMLAWULI WESIKOLO, ndithembisa ngoku:

- phakamisa imfuno yesikolo kananjalo ndiyakwenza konke okusemandleni ukuqinisekisa okokuba siqhubela phambili ngophuhliso lwezemfundo;
- zama ngako konke okusemandleni am ukuze ndiqinisekise okokuba bonke abafundi kwesi sikolo bafumana imfundo esemgangathweni;
- thabatha onke amanyathelo afanelekileyo ukuqinisekisa okokuba bonke ababandakanyekayo ekuthabatheni inxaxheba kuphuhliso lwesi sikolo bayabandakanywa kwiinkqubo zesikolo;
- thabatha onke amanyathelo afanelekileyo ukuqinisekisa okokuba imali kunye nempahla yesikolo ziphethwe ngohlobo olufanelekileyo kwaye zisetyenziswa kumsebenzi wokwakha nokuphuhlisa isikolo;
- xhasa inqununu, ootitshala kunye nabanye abasebenzi besikolo kwimisebenzi abayenza nabayiqeqeshelweyo;
- ziphatha ngokwemithetho endibekelwe yona ukuze ndibe ngumlawuli othembekileyo kwisikolo nakwabanye ogxa bam abangabalawuli;
- sebenza ngokuzimisela ndifezekisa iimfuno zesi sikolo ngalo lonke ixesha.

NjeNGENQUNUNU, ndithembisa ngoku:

- zama ngako konke ekusemandleni am ukuxhasa nokuqinisa ukukhula kokuthenjwa nokuhlonitshwa kwesi sikhundla sobunqununu, ngokuthi ndizalisekise imithetho endibekelwe yona njengomntu owongamele nokhokhele esi sikolo;
- gqiba nokwenza yonke into ngexesha elichanekileyo, ndisoloko ndizilungiselele okanye ndixhobile ndize ndibe nomdla omkhulu ngemithetho nemiqathango endichankcatha phezu kwayo nje ngenkokheli eqeqeshiweyo ngomsebenzi wayo;
- zama ngako konke ukuba ndifunde ngalo lonke ixesha ndisadla amazimba;
- khuthaza nokuxhasa abancedisana nam kulo msebenzi wokutitsha ukuze baqhubele phambili nokuzingenela uqeqesho kwimisebenzi yabo;
- sebenza ngokuzimisela ukuncothula neengcambu izimbo ezingamnkelekanga ezifana nobudlelwane obungalunganga phakathi kwetitshala nontwana nokunxila;
- qinisekisa okokuba zonke izaziso ezifanelekileyo eziibhaliweyo nezijikeleziswa kubo bonke abantu kwisebe lezeMfundo, amaxhwebhu aqulethe ulwazi olufunekayo kwabelwana ngawo ngokukhawuleza ngamalungu afanelekileyo;
- thabatha amanyathelo afanelekileyo ukuze kuqinisekiswe okokuba isiThili (i-PED) silufumana lonke ulwazi olufunekayo nolubalulekileyo xa kusiziswa izixhobo zokufundisa ngexesha elifanelekileyo;
- qinisekisa okokuba isithili (i-DED) sifumana lonke ulwazi olufunekayo ukuze kwenziwe lula ukuvalwa kwezithuba zemisebenzi;
- ukuba liliso kwindlela esihamnjwa ngayo isikolo ngootitshala;
- ukuba liliso kwindlela esihamnjwa ngayo isikolo ngabafundi ndize ndizame kangangoko ukuqiniseka okokuba akukho mntwana ungayiyo esikolweni ngaphandle kwesizathu;
- soloko ndinika abazali ingxelo nolwazi ngenkqubela eyenziwa ngabantwana babo kwizifundo zabo;
- qinisekisa kangangoko ndinako okokuba kwisikolo sam iyasetyenziswa i-QLTC kwaye ndiqinisekise okokuba ukubaluleka kwephulo lokuphucula imfundo kuyaqondwa ngabonke abamelwe kukuthabatha inxaxheba ingakumbi abazali kunye nabahlali bale ngqi sikuyo isikolo sam;
- xhasa ibhunga labalawuli besikolo (i-SGB) xa lisenza umsebenzi walo.

NjeNGOTITSHALA OKANYE UMFUNDISI-NTSAPHO, **ngokwemiGaqo yoQeqesho lwe-SACE, ndithembisa ngoku:**

- titsha okanye ukufundisa, ukuhambela phambili kwimfundo nokuphuhlisa umfundi ngamnye;
- hlonipha isidima kunye namalungelo abo bonke abantu ngaphandle kokucalu-calula;
- khuthaza intembeko nentlonipho kootitshala;
- qgiba nokwenza izinto ngexesha elichanekileyo, ukubanomdla nothakazelelo kulo msebenzi, ukulungiselela ukufundisa isifundo kwangexesha, ndiyakuqinisekisa okokuba qho xa ndisiya esikolweni ingqondo nomzimba wam zikulungele oko;
- hlaziya ulwazi endinalo kunye nobuchule endibufundileyo ukuze endikufundisayo kube nefuthe;
- gcina unxulumano phakwathi kwam nezinye iititshala kunye nabafundi, kwiititshala ngokwazo naphakathi kootitshala nabazali;
- soloko ndinika abazali ingxelo nangolwazi ngenkqubela eyenziwa ngabantwana babo kwizifundo zabo;
- sebenza ngokuzimisela ukuncothula neengcambu izimbo ezingamnkelekanga ezifana nobudlelwane obungalunganga phakathi kwetitshala nomfundi, nokunxila, ukuxhatshazwa kweziyobisi, ukonzakaliswa ngokubethwa, ukuxhatshazwa ngezesondo nezinye izinto ezingalunganga;
- soloko ndikho ukuze ndincede abafundi ngezinye izinto ezenziwayo esikolweni ezifana nemidlalo.

NjeNGOMFUNDI, **ndithembisa ngokuba:**

- ndiyavuma okokuba esona sizathu sokuza kwam esikolweni kukuba ndifunde ndikhule ngokwemfundo ngokwentlalo nangokwenkcubeko;
- ndiyakuyithobela imigaqo yesikolo ebekiweyo;
- ndiyakuyihlonipha imithetho kunye namagunya ootitshala abekiweyo ukuba ndiwathobele;
- ndiyakuthabatha inxaxheba kwibhunga labamele abafundi (LRCs) ukuze ndikwazi ukugada amalungelo neemfanelo zam;
- ndiyakubonisa intlonipho kwabanye abafundi kwaye andisayi kucalu-calula;
- Andisayi kungenela naluphi na uhlobo lobundlobongela olunjengobusela, ukonakalisa impahla, ukulimaza abantu, ukuzithathela okanye ukuncwasa ngokwesondo, ukunxila kunye nokusebenzisa iziyobisi, nezinye izinto ezinokuthi ziphazamisane nokufunda.

NjeNGOMZALI, ndithembisa ngoku:

- zibandakanya kunjalo nje ndithabathe inxaxheba kwimisebenzi yesikolo, oku kuquka neenkqubo ezilawula isikolo;
- soloko ndibambe iingxoxo kunye nabantwana bam ngemibandela yesikolo ngokubanzi;
- dala ubudlelwane obuphilileyo, umoya wokwamnkela nowentsebenziswano phakathi kwam neetitshala zabantwana bam;
- zama ukuba abantwana bazive besekhaya kunjalo nje bazive bekwazi bekwakulangazelela ukufunda;
- ncedisa ekukhuseleni izixhobo zokufunda ezifana neencwadi ezityunjelwe ukuba zifundwe, izitulo, iitafile, kunye nezinye izinto;
- nikela ngoko ndinakho, izixhobo okanye ngezinto eziyimfuneko ekufundeni kwabantwana bam.

NjeNGOMHLALI KULE NDAWO, ndithembisa ngoku:

- qinisekisa okokuba wonke umntwana omelwe kukuya esikolweni, usesikolweni ngexesha lesikolo;
- qinisekisa okokuba abantwana abaya esikolweni bakhuselekile kunjalo nje akukho bundlobongela abadibana nabo kwindlela yabo eya esikolweni, kwaye ndizimisele ukusikhusela isikolo kunye nempahla yaso ekonakalisweni;
- hlala ndililiso kwindlela ekuqhutywa ngayo sisikolo, kunjalo nje ke ukuba kukho ingxaki endiyibonayo, ndiyakuyixela kwabo basemagunyeni.

Siyafunga sikwazibophelela ngokuthabatha uxanduva lwale misebenzi ngeenjongo zokuqinisekisa imfundo esemgangathweni kuthi sonke.

ISebe lezeMfundo esisiSeko (ukusuka kwibanga loku-1 ukuya kwele-12), lidibene neetitshala zemibutho, iibhodi zabalawuli bezikolo kunye nabafundi bazibophelele ekwenzeni yonke into esemandleni abo ukuze baphakame beme bafunde beqinisekisa bekwathembisa okokuba bayakulwela ukuqinisekisa okokuba indlela ekufundwa nekufundiswa ngayo isemgangathweni kuye wonke umntu.

PHAMBILI NGOKUFUNDA NOKUFUNDISA OKUSEMGANGATHWENI PHAMBILI !